



Agri SA's tips for safe workplaces during COVID-19 (isiXhosa)



Khusela nabanye ukuze bangaguli.

Gobela ingalo yakho emlonyeni nasempumlweni okanye usebenzise iphepha lokufinya xa ukhohlela okanye uthimla.



Lahla iphepha lokufinya emgqomeni ovaliweyo emva kokulisebenzisa.

Coca izandla uzithambise ngesanitiser okanye uzihlambe ngesepha namanzi emveni kokukhohlela okanye ukuthimla xa usonga isigulane.



X **Musa ukusondela ebantwini** xa uziva ukhohlela okanye unefiva.



Musa ukutsica esidlangalaleni.



Xa unefiva ,ukhohlela kunzima ukuphefumla, funa unyango olukhawulezileyo , **umazise ugqirha wakho ngohambo** okukhe waluthatha.

Zikhusele, ukhusele nabanye ukuze bangaguli.

Hlamba izandla zakho

- Emveni kokukhohlela okanye ukuthimla
- Xa unceda lowo ugulayo
- Phambi ,ngexesha nasemva kokulungisa ukutya
- Phambi kokuba utye
- Emva kokusebenzisa indlu yangasese
- Xa izandla zimdaka ngokucacileyo
- Emveni kokuphatha izilwanyana okanye ukucoca ubumdaka besilwanyana.



Hlamba izandla zakho ngesepha namanzi abalekayo **xa izandla zakho zibonakala zimdaka.**

Nokuba ubumdaka abubonakali ezandleni zakho , zicoce qho usebenzisa isepha namanzi okanye uzithambise isanitiser.